basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2016

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-15.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu 50
ICANDELO B:	Imizuzu 30
ICANDELO C:	Imizuzu 40

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

YINGQEQESHO YAKHE KALOKU

1 UDingezweni, wabonakalisa intlakanipho ade noyise amncome ngenxa yokukhawuleza ekucingeni. Ingqondo yakhe yayikrelekrele ngendlela engathethekiyo ngaphandle kwesimilo esasibonakala ukuba siyaxengaxenga ngenxa yokungaqeqesheki. Uthe akuba sexabisweni uyise wamfaka esikolweni. Waba ngathi unomdla ngeentsukwana zokuqala kodwa kwaya kwacaca ukuba akazimiselanga kuya phi. Esikolweni wayexabise ukudlala nokuqhula ngaphezu kwezifundo. Ubonise wabonisa utitshalakazi waphawula ukuba uDingezweni uva kunye neegusha. Lwaqala uswazi lwasiqhela isikhumba sakhe, saqala isikolo sasibi kuye.

2 'Ndiyambona la titshalakazi uyakhetha. Mna undibetha ngaphezu kwabanye,' ngenye imini wavakala esitsho ebhekisa kuyise. Wayezingela icebo lokuphuma kuloo 'mfeketho' isisikolo, ngabula yena. 'Zinjalo ezi titshalakazi, zinjalo. Uyabona ngenye imini, imini inye, ndihle apha nemvubu yam, ndikhe ndizivise le nto ziyenza ebantwaneni bethu. Ukubethe ndawoni?' kutsho uNyubatyha ehlala esuka ngumsindo. 'Apha eluzitsheni, tata', emva kwethuba efuna indawo abethwe kuyo, uphendule watsho uDingezweni.

3 'Ngxe, nto zakuthi, makhe nam ndiphose igada kule ntetho yamaNgxongo phambi kokuba nityatyadule. Mna andiboni mpazamo ekubeni utitshalakazi amve ngoswazi uDingezweni xa angevayo esikolweni. Uswazi liyeza. Kuzo zonke izinto eziphaya esikolweni akukho ithwele iziqhamo njengoswazi. Uswazi namhlanje lumele ukuba nelunda ngumsebenzi walo. Uswazi luzele abefundisi, iititshala, iitoliki, ababhali, oogqirha namagqwetha. Bonke abalunyamezelayo uswazi abayi kudaniswa, banomvuzo ongathethekiyo, kodwa abaluchasileyo isiphelo sabo kukuzisola bebile xhopho kwingqatsini yelanga. Ngaphaya koko mandiphethe ngelithi, 'Ngxongo, musa ukuthetha ngeetitshala ebantwaneni ezibafundisayo, wena Dingezweni uze ube ugqibele ukuza kuthetha ngotitshalakazi apha, uyandiva?' utsho efuthekile uMaMfene. Yaphela apho le ngxoxo.

4 'Wayetshilo utata. Nanku umama eyawaphinda eyona le nto. Umama lo!' watsho esiya kuphuma ngomnyango. Waqala ngokumana ezigulisa engayi esikolweni, athi ukuba unina umnyanzele ukuba aye **uyise** alwe esithi uyabona ukuba uMaMfene wenza unothanda ngoDingezweni kanti yena akafuni owakhe umntwana ayokufela esikolweni ngathi akanawabo. Kancinane uDingezweni wamana ebeka esi nesiya isizathu ephumelela, wada akafuna nokusibona isikolo. Watsho unina wancama kuba naxa wayezama ukwakha nje, kwelinye icala uNyubatyha wayeququzela nolugxa ediliza.

5 'Hlala namhlanje, mfo wam, kuyana. Hlala namhlanje, kuyabanda. Hlala namhlanje akuphilanga.' Nango ke amazwi kaNyubatyha awamtyhefayo uDingezweni wasiyeka isikolo, waphuma engekaphumeleli nencwadi yabaqalayo. Laphela ithemba kunina kodwa uyise wayengakhathali kuya phi, kuba ngokutsho kwakhe, uDingezweni wayekwazi ukuyibhala incwadi ibuye. Wesuka wangenwa ngumkhwa wokuphembelela abanye esithi isikolo yimfeketho, yena uyinkwenkwe endala akanakube ebethwa ngumfazi. Ewe wayeyiyo kodwa kukho nto wayengayiqondi - <u>wayekhasela eziko ngokosana</u>.

6 Wathi akuba mdala, kanye xa ayinkwenkwe eqala ukuthi rhwe ngodevu, wawathabatha ngamandla amagunya ezandleni zoyisekazi noyise. Iindwendwe zazincinwa nguye imvelaphi nemicimbi yewabo eyiqala ade ayokuyiphetha eyedwa. Into ayithethileyo ibingawi phantsi kuyise.

7 Wayesilwa elwile nabazali bakhe, khona yena nonina babeyinyoka nesele. Ngamhlana uthile kwaxabana unina noyise ngokufundiswa kwabantwana ababesalekela uDingezweni - uYese noSelina. Le ngxabano yabangwa kukusuka uNyubatyha ale ukuba bayokufunda eMvethoba. Unina wayesiwa evuka ezama ukubanika imfundo, ilifa elalahlwa nguDingezweni elwagcibeni. Wawushiya umzi wakhe esiya kusebenzela imfundo yabo bantwana edolophini eMvethoba.

8 Impilo yakhe yaphuka yamandundu elapho kwanyanzeleka ukuba abashiye apho abantwana bakhe abuyele eMnandizonka. Akuzange kube ntsuku zatywala ebuyile kwamkhulela kwamosela ukufa. Yavakala ihlabela iculo layo ibanjwe ziintambo zokufa loo ntombi kaNelani. Wathi akuba etshilo wavakala esithi, 'Ndibizeleni utata kaYese', iculo elibeke esifubeni sakhe. Weza uNyubatyha iingqondo ngathi akasenazo enezadyenge zeenyembezi emehlweni. Ukufa akunankathalo ngabathandanayo! UNomalanga wamjonga ngamehlo anothando njengenja ibungezelela umniniyo, wabamba isandla sakhe sokunene wasiphuza.

[Sithathwe kwincwadi ethi, *UDingezweni*: PT Mtuze, p. 20–23 saze salungiselelwa uviwo]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Wabonakalisa ntoni uDingezweni ukuze anconywe nguyise? (1)

1.1.2 Kukuthini ukuxengaxenga kwesimilo ngokwalo mhlathi? (1)

1.1.3 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo kwezi zingezantsi: Izinto eziMBINI awayezixabise ngaphezu kwezifundo uDingezweni esikolweni:

A Kukudlala nokubhala.
B Kukutya nokudlala.
C Kukudlala nokuthamba.
D Kukudlala nokuqhula. (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.4 Bhala esi sivakalisi singezantsi ngamazwi akho.

Wayezingela icebo lokuphuma kuloo 'mfeketho' isisikolo, ngabula yena. (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.5 Ngokwalo mhlathi, lunyanisile uluvo lokuba uswazi liyeza? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.6 Chaza umahluko phakathi kwabantu abalunyamezelayo uswazi nabo baluchasileyo ngokwalo mhlathi? (2)

1.1.7 Caphula igama eliNYE elibonisa ukuba wayenomsindo uMaMfene kulo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.8 Sebenzisa igama 'uyise' kwisivakalisi esinye njengesenzi ukuze kuvele intsingiselo eyahlukileyo kule ikwisicatshulwa. (1)

1.1.9 Bhala iqhalo elithetha into enye nesivakalisi esibhalwe ngqindilili. Liqale ngolu hlobo (**Inkqayi ...** (1)

Jonga kumhlathi 5

1.1.10 Nika izizathu zibe ziBINI ezazibekwa nguyise kaDingezweni xa efuna angayi esikolweni. (2)

1.1.11 Bhala isibizo esakhiwe kuso isichazi 'awamtyhefayo.' (1)

1.1.12 Nika intsingiselo yeli binzana lilandelayo.

'... wayekhasela eziko ngokosana.' (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.13 Caphula ngokuchanekileyo ibinzana elibonisa ukuba uDingezweni wayengemdalanga kuyaphi. (1)

Jonga kumhlathi 7

1.1.14 Matanisa isenzo esikuKholam A kunye nomenzi waso okuKholam B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Wayesilwa elwile nabazali bakhe.	A USelina
(b) Wawushiya umzi waya kusebenzela abantwana bakhe.	B UDingezweni C UMaMfene

(2 x 1) (2)

1.1.15 Yabangelwa yintoni ingxabano phakathi kukaNyubatyha noMaMfene? (2)

Jonga kumhlathi 8

1.1.16 Ngubani ELINYE igama lale ntombi kaNelani? (1)

1.1.17 Caphula ngokuchanekileyo isivakalisi esithetha ukuba wagula wabhubha engahlalanga thuba lide efikile eMnandizonka. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: UVAVANYO LOKUQONDA: OKUBONWAYO

[Uthathwe kwiwww.davegranlund.com waze walungiselelwa uviwo]

1.2.1 Nika iindlela eziMBINI umntwana abonisa ngazo ukuba ukhathazekile. (2)

1.2.2 Xela izinto zibe MBINI ezenziwa ngumama kulo mfanekiso. (2)

1.2.3 Loluphi uvakalelo oluvezwa yinkangeleko yobuso bukamama? Xhasa impendulo yakho. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze wenze isishwankathelo ubonise iindidi zabantu abanolwazi olungephi. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

ISICATSHULWA C

ULWAZI OLUNGEPHI

Uninzi lwabantu bakuthi bazibona besazi izinto abangazaziyo, abazicingela ukuba bayazazi kanti kumnyama kubo. Bangaqatshelwa ngolu hlobo:

Bakho abathi bazi yonke into eyenziwa apho bangazange babeke nemicondo yabo khona. Wumbi womva esazi konke okwenziwa ecaweni okanye zonke iindlela ngeendlela zalapho enkonzweni, kodwa akazange aye apho okanye engazange akholelwe nakulo Sombawo ubhedeshwayo.

Bakho abacinga ukuba bazi imizi yabantu ade wumbi azi nendlela le kuphilwa ngayo, maxa wambi azi yonke into ephathelele kweso sibini sitshatileyo nentsapho yaso, noxa engazange abe ngowenani nje apho.

Bakho abazi ngamasiko athile bengazange noxa bengazange bawenza bade bacinge ukuba bayazi, noxa bengazi. Ingxaki omnye umve elihlasela isiko lomnye, ebonisa ukulicekisa nokunyanyeka kwalo, kodwa uyise wayelenzelwe kuqala.

Bakho abazi ngeentsana zabantu ade wumbi ange ungene ngaphakathi kwingqiqo yomnye, wagqobhozela wayibona ubume bayo, ambone nobuthathaka balowo, ade abone nokuba akasoze abe nto ebomini bakhe, noxa angakhange athathe nxaxheba nje ekudalweni kwakhe.

Bakho ke nabo bathi bafundile abanakuxelelwa nto bani, batsho bezigasa ngemfundo abanayo bengaqondi phofu ukuba abazi. Kuye kuthi ngomhla osisidenge bakhwankqiswe abantu zizinto ezenziwa sisifundiswa eso kuba kaloku besizibizele ngokwaso ukupopolwa onke amanyathelo aso.

Ungabona nabantwana bebaleka isikolo, benyanzelwa ngemfundo ngetshova ngabazali neetitshala, bekhetha ukubhaca bashiye amakhaya abo, kodwa bakufika ezweni abafuni kubonwa njengezinto ezingazi nto.

Abanye bade bathenge izatifikethi, bambi bakhethe ukuziba ze bazifote koomashini zikhuphe imifanekiso yazo, le bathi bacime amagama abaniniyo kuyo, ze babhale awabo.

[Sithathwe kwincwadi ethi, *Amaqhekezana ethu*: NV Mkonto p. 9–11 saze salungiselelwa uviwo]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D: ISIBHENGEZO-NTENGISO

[Sithathwe kwi*Bona*: Agasti 2013, iphepha 7 saze salungiselelwa uviwo]

3.1 Kuthengiswa eyiphi imveliso kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Khetha eyona njongo ichanekileyo yokusetyenziswa kwesivakalisi, 'IDove ifuna wena', kwesi sibhengezo-ntengiso.

A Kukucingela abathengi.
B Kukuqhatha abathengi.
C Kukucalucalula abathengi.
D Kukugunyazisa abathengi. (1)

3.3 Caphula isivakalisi esisetyenziselwe ukudlulisa umyalezo othi, yakufika le sepha amaqhakuva ayaphela. (1)

3.4 Xela izinto zibe MBINI ezenziwa yikhrim ekule sepha emntwini oyisebenzisayo. (2)

3.5 Lusetyenziswe njani ulwimi kwezi zivakalisi zikwisibhengezo-ntengiso,

'Unamaqhakuva? Unolusu oluxwebileyo?' (2)

3.6 Xela umsebenzi owenziwa sisimamva esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi, 'Isepha iDove iyacocisisa.' (1)

3.7 Yintoni injongo yokusetyenziswa komfanekiso wenenekazi kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Ithathwe kwi*BONA* Janyuwari 2009: iphepha 99 yaze yalungiselelwa uviwo]

4.1 Ngubani igama lomzobi wale khathuni? (1)

4.2 Bhala ngemo ende igama 'Nyak'omtsha' elikwisakhelo soku-1. (1)

4.3 Ulusebenzise njani umzobi uphawu lokhuzo kwintetho kaStix kwisakhelo sesi-3? (1)

4.4 Khetha impendulo echanekileyo. Umbuzo kaRasta othi, 'Intoni? kwisakhelo sesi-5 ubonisa ukuba:

A Umangalisiwe
B Ucaphukile
C Wothukile
D Uyavuya (1)

4.5 Loluphi uvakalelo oluvezwa yinkangeleko yobuso bukaChiskop? (2)

4.6 Ingaba kulungile okanye akulunganga ukuba uShoti abize uChiskop inkawu? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.7 Bhala intetho kaChiskop ekwisakhelo sesi-5 ngendlela echanekileyo yentetho ngqo. (2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

ISICATSHULWA F

AMAVA OMFO KAMHLAMBELI

Okunene ke umfo kaMhlambeli waxhabasha wenjenjeya ukusinga kwelozwe, waya kugaleleka kwinkomponi yasedonderkop kuloo magqagala aseRustenburg. Wayecinga ukuba uza kufika athobe umhlaba ohofo-hofo kodwa kwathi kungekomi namathe ewuvile umthwalo wedyokhwe yasemgodini lanqum'inqatha ezisola ngokushiya imfuyo yakowabo. Imihla ngemihla wayephum'izithukuthuku ezantsi emathunjini omhlaba epheth'ifotsholo, elayish'amatye exabiso, indyebo yelizwe. Ubunzima bengolovane babuvakala kabuhlungu, bumthe nzilikithi emagxeni kude kuthi ncilikithi engqondweni. Kwakusithi akutshayisa emsebenzini abone oomabhalana befake amaqhina, bengqawuza ukuphuma eziofisini, anqwenele ukuba ngomnye wabo koko ngelishwa akazang'angene kumnyango wesikolo okokoko wazalwa, wawuphepha iimeko zisavuma.

Ewe, wayeneminqweno loo mfo wakwaMhlambeli kuba kwakukodwa nokuthi akwaba ebengusobugqi awenze ngemilingo umsebenzi wakhe koko wayengenandlela yakuluzalisekisa olo langazelelo.

[Ithathwe kwincwadi ethi, *Ingwe Emabalabala*, 1982, p. 34–35 yaze yalungiselelwa uviwo]

5.1.1 Bhala amagama AMABINI akrwelelwe umgca ngaphantsi ngendlela echanekileyo ngokwemigaqo yobhalo. (2)

5.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Isenzi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo: (sikwixesha elizayo/ sikwixesha eladlulayo.)

Wayecinga ukuba uza kufika athobe umhlaba ohofo-hofo. (1)

5.1.3 Sisetyenziswe njani isifanekisozwi kwisivakalisi esingezantsi?

... kude kuthi ncilikithi engqondweni. (2)

5.1.4 Xela udidi lwesihlomelo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Ubunzima bengolovane babuvakala <u>kabuhlungu</u>. (1)

5.1.5 Sebenzisa igama, 'akutshayisa' kwesinye isivakalisi esiya kubonisa ukuba linentsingiselo eyahlukileyo kule ikwisivakalisi esingezantsi

Kwakusithi akutshayisa emsebenzini ... (2)

5.1.6 Khetha igama elibolekwe kolunye ulwimi kwesi sivakalisi singezantsi uze uxele nolwimi olubolekwe kulo.

Kwakusithi akutshayisa emsebenzini abone oomabhalana befake amaqhina, bengqawuza ukuphuma eziofisini. (2)

5.1.7 Bhala isichasi segama elibhalwe ngqindilili.

... koko **ngelishwa** akazang'angene kumnyango wesikolo. (1)

5.1.8 Dibanisa ezi zivakalisi zibe sisivakalisi esinye ngokusebenzisa isihlanganisi esikwizibiyeli.

Umfo kaMhlambeli wayesebenza nzima emgodini. Umfo kaMhlambeli wayengafundanga. (kuba) (1)

5.1.9 Bhala kwakhona esi sivakalisi ngendlela echanekileyo.

(Wayenqwenwa) ukuba ngomnye wabo koko akazang' angene kumnyango wesikolo. (1)

5.1.10 Khetha kwizibiyeli umsebenzi wesibizo esinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi esingezantsi. (siyintloko/siyinjongosenzi)

Ulindikhaya wabhaqa <u>umfo</u>. (1)

5.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO

[Uthathwe kwiwww.vaporub.co.za waze walungiselelwa uviwo]

5.2.1 Xela umsebenzi wezakhi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi:

Utata uthambisa umntwana ngeVicks Vaporub. (3)

5.2.2 Khetha isivakalisi esichanekileyo kwezi zingezantsi.

A Umntwana utya ubhontsi.
B Umntwana ubhontsi utya.
C Umntwana itya ubhontsi.
D Umntwana batya ubhontsi. (1)

5.2.3 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

IVicks VapoRub isebenza ngephanyazo. (1)

5.2.4 Lungisa igama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi libizeke kakuhle.

IVicks VapoRub ivula **imimpunga**. (1)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80